

Imvo Zabantsundu.

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, MAY 30, 1889.

[No~237

BON MARCHE

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani angemakulu],

E- GRAHAMSTOWN.

Saneke lityali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 3/- inye. Ikaliko Emhlope ne Brown, iqala 2.5d. yd. Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4.75 yd. Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 4jd., ne 6d. yd. Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 11- inye /blanket zoboya ziqala 5/- inye. Amabhayi 21- lilinye ; i Cotion Sheets 1/6 inye.

YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi esand' ukuvela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.
IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye.
IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. 11d. inye.
IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.
ISUTI Emhlayo umfana ifishini entsha, 21s.
IHEMPE, 1s. inye.

Oza kutenga apa ngokwalatiswa yi "Mvo" maze akuxele okuba utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye (£1) uyakubuye ayinikwe isheleni ngeponti nganye.

JOHN W. BAYES & Co.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAMSTOWN.

Kwi kona ye Belhurst Street ne Church Square

GEO. B. CHRISTIAN & CO

KING WILLIAMS TOWN.

PLOUGHS

19, 55, and 7

Plough Beams, Handles, Shares, Bolts, Wheels, etc.

IRON POTS, with long legs,

RED OCHRE.

CORRECT SHADE.

COFFEE, TEA, SUGAR, RICE, etc.

Inyama ne Zonka

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengen_ ko

BURKE NO MARSH,

e Nyutawini nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcantcatweni.

DYER no DYER,

EQONCE.

BASAND'UKUFAMANA ngenqanwa ezisand'ukuvela kwelipesheya kolwandle, impahla eninzi ukongezelela kwimpahla yabo kakade, baneke ngoku—

IMPAHLA YAMADODA, Isuti ze zitofu —

Ibhatyi, Indulubhatyi,

Ibhulukwe—16s. 6d.

Isuti zama kwenkwe—4s. 6d., 5s.

Indulubhatyi zamadoda zezitofu ziqala, kwi 2s. 6d.

Ihempe zokusebenza—1s. 3d., 1s. 6d.

Iminqwazi yezitofu, 1s. Etambileyo, 1s. 3d.

Ibhulukwe zezitofu—3s., 4s.

Isuti Zokutshata.

Isuti Zobufundisi.

Izihlangu zentlobozonke, njalo-njalo.;

ABATSHATILEYO.

GANTSHO—XANTI.—Kutshatiswe •Ndwana ngomhla we 23rd April, u Mr. BODY J. GANTSHO, wase Queen's Town, no Miss ELLEN M. XANTI, intombi yase Ndwana. Ngumshato ohambiseke ka kuhle kange.

ABAZELWEYO.

MOMOTI.—E-Graaff-Reinet, ngo April 21, 1889, Inkosikaai yakwa Rev. WILLIAM P. MOMOTI izibule ngo Nyana.

31630,5.

NTSEPE.—E Ntsikizini, ngo 16 April, 1889, Inkosikazi ka JAMES NTSEPE ifumene Unyana ongowesibini kwabahleliyo. 31630,5.

NCAPO.—U Mrs. BOOT NCAPO, e Peelton, ufumene u Nyana ngowama April 26th, 1880.

IMIBIKO

MABOMBO.—Kwenzakele kumngxuma we De Beer's Diamond Mining Company, ngobusuku bomqibelo emvako 12 o'clock, ke tina lomfo asimazi ikaya lake kakuhle abanye bati ngowase Qohi ngase Bedford, igama lake ngu TORBERT XAMBA MABOMBO. Ke imali yake iko ikwi gqira lale Company, ke aze ati ubani ongumhlobo wake abalele ku Dr. GEORGE BENJAMIN DREW, xa afuna ukwazi nge mali yake. —RICHARD JAYIYA, W. E. Compound, Kimberley. 31630,5.

SAKUBA—U-THEODORE GEORGE SAKUBA, unyana omnci ka Rev. JAMES B. SAKUBA, wakwa Tuku, Fort Peddie, ulishiye elilizwe ngobusuku bolwesi-Ne, 10 May. 1889*6 Rouxville, O.F.S. Izihlobo mazamkele lombiko. Ubudala ubeseleminyaka 18, nenyanga 6. Izihlobo zalendodana zinga zingavakalisa ngelituba umbulelo omkulu, nozikuleyo, ngemigudu emikulu, eyenziwe ngu Mr. W. N. no Mrs. Somngca base Rouxville; kwano Mr. Augustus T. no Mrs. Bell, base Herschel, kwimini zake zokusqibela elizweni.

Metsho Mlesi!

I QONCE~NGE PASI.

UMZI ontsundu wohlangana kwa Bhulumeli, ukuze uxoxe ngalomteto we Pasi uxoxwayo e Palamente, ngo MGQIBELO, Waleveki, 1 JUNE, ngo 3'30 p.m., ze kungasali namnye emakaya.

J. TENGO-JABAVU.

OLUKA

Gowie Uluhlu Lwezityalo.

Zika MAY.

I ROSES

Lixa

IMITI EBEHLE IVUTIWE

ekuzi

I-STRAWBERRIES

milisola.

Oluka Uluhlu lwe Roses, 1889

GOWIE Uluhlu lwemitiYeziqama,

Idiliya, Namanye amatyo-
lwana aneziqamo, 1889.

Zitunyelwa zingenandleko kofunayo.

Elona xesha lokutyala

ETSWE! E ELEKULU

NE

ERTYIS

KWA

W. & C. GOWIE,

GRAHAMSTOWN.

Ikaya Lendwendwe.

SIYAZISA ukuba "Ikaya" sisaligcinile apa e-Komani, Amagumbi, nezitale, nentlalo yonke ilungile kakulu, ezantsi kwe Marike.
R. T. NUKUNA & CO.,
Calderwood Street, Queenstown.

Ikaya Labantsundu.

IKAYA* lifudukele e Marikeni kumzi obungoka Donian, ngo-Mvulo. Kangelalondlu inkulu ibomvu—apo wofumana yonke into imi ngomxholo—iyadi, nezitali lezindlu, zinkulo.
PAUL XINIWE,
Umlungiseleli wento yonke.
Address Market Square.

UBUSIKA 1889.

BAKER, BAKER & Co.

Baneke impahla yabo eninzi. intsha ye ngubo ze ndidi zonke.

Kauze kubona IBHATYI ezi
NKULU

Kauze kubona I-SUTI

Kauze kubona I-BLANKETE

HEMPE, MIQWAZI, IZIHLANGU,

NJALO, NJALO.

Azizanga zibeko ezinjalo ubutshipu zihleli zifika.

BAKER, BAKER & Co.

EQONCE.

John J. Irvine & Co.,

KING WILLI AMSTOWN.

ESUTI zamadoda ze Stofu—12s 6d, 14s, 16s, 18s, 20a
IBHATYI ,, ,, —5s, 6s 9d, 8s 9d, 10s 6d, 12s 9d
I-Bhulukwe ,, ,, —4s, 4s 6d, 5s 6d, 6s 6d to 15s
Imitika emnyama (yokutshata)—12s 6d, 15s 9d, 17s 9d
Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)— 16s 9d to 18s 9d.
Ihempe zamadoda zomsebenzi—10d, 1s, 1s 3d, 1s 6d, 2s
Ihempe ze fulaneli—1s 6d, 1s 9d, 2s, 2s 6d
Ihempe zamadoda ezihayinishwayo—2s
3s 6d

KUKO i Bhulukwe ze kodi ezitile (ezona zohlobo)
7s. 6d.

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela asemqokumbelweni). Zisusela ku 4s 6d zise kwi ponti.

Iprinti ezisand'ukufika—3d, 4d, 5d, 6d, 7d nge yadi

Ikaliko—2d, 3d, 4d, 5d, 6d nge yadi

Ilinzi—4d, 5d, 5jd, 6d nge yadi :

Izitofu ezibugqi—6d, 7jd, 9d nge yadi

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu senempahla epilileyo.

JOHN J. IRVINE & Co.,

U-ALUVENI.

IZAZISO NGE "MVO."

Umzi wakowetu mawuyi qondisise kakuhle indlela yokuhlalela 'IMVO ZABANTSUNDU' ukuba intlaulo:— Erolelwa. Ikwata, xa ifike kwange nyangayokuqala..... 3s. Erolelwa Ikwata, ifike emva kwenyangayokuqala 3s. 6d.

Kuvulelekile ukuba otandayo awuhlaulele wonke unyaka kwausaqala. Intlaulo yonyaka ifike kwa usaqala, 12s.

Ngangoko kunokwenzeka intlaulo itunyelwa nge Money Order efunyanwa kwi Post Offices.

Iveki.

NGO MVULO (27 May) kubeko ingxoxo eshushu kunene kwinkundla ye Palamente e Kapa pezu komteto omtsha ye Pasi. Lomteto ungeniswe ngu Mr. le Wet, Umpatiswa-Micimbi yabantundu, ote ukuyichaza into ekujongwe kuyo yile: Kukuba bonke abantsundu babekwe kumgangato omnye malungana nokupata i Pasi. Abantu abangabandakanyiwe kulomteto ngama Lawu, nama Bhasitile, nama Koboke.— Ute ukuhlala pantsi u Mr. De Wet, kwema u Mr. Douglass, ote lomteto mawuqetulwe uyakuhlala inkululoko kubantu abaninzi abamlumeleyo Umtan' Omhle.—U Mr. Innes ute lomteto awufuneki nganto waye ulibhongo nje kodwa, awunguwo owobulungisa, unjalonje ungowembandezelo, njonge ekucapukiseni nasekucudiseni abantsundu ebekufanele ukuba sibabonise ukuba asingabo abagonyameli.— Amanye amanene atetileyo ngo Sir T. Upton, Messrs. Lord Q C., Hockly, Capt. Brabant, Messrs. Mackay, Hutton, namanye. Inqanyulelwe ngo 6 o'clock ingxoxo.

INGXELO ezelelo zalomcimbi ziyakubonakala kwelevekile ezayo.

INDLALA nesifo esibhubhisayo ekutiwa yi kolera—ezonto zitwele amehlo kumahlulo otile we Madras. Kufa amawaka ngeveki egutywa yi kolera leyo.

KUMANENE eli letu anikwe amagama odumo ngomhla ye Nkosazana (24 May) kuhlokonyiswa elika Dr. Dale, no Mr. John Robinson wase Natal, abenziwe i K.C.M.G., no Mr. C. F. Blaine wase Bhayi owenziwe i Knight. Lawo manene ke azakwaziwa ngamagama okuba angu Sir Langham Dale K.C.M.G., Sir John Robinson K.C.M.G., no Sir Charles Blaine.

UMKOMBE oyi "German Emperor" unqutywe ngeveki egqitileyo ngomye pyi "Beresford," kulwandle oluyi English Channel watshona. Batandatu ubatshone nawo.

U MR. C. J. DOVEY (Ugxabhagxaha) obekwi Ofisi yase Xesi, umiselwe ukuba yitiloki yemantyi apa e Qonce.

KUKO Umzulu ofe esipitipitini ebisiko ngase Johannesburg ngo 12 May, pakati kwama Zulu nabamnyama besangase mpumalunga.

UMFO otile ontsundu udlwe £2. ngokusuka enze ubumenene Emabeni yase Qonce, ati ihabile yake ihlulobo olutlile nge sample, kanti ukuhlala oku kwayo itolunye.

I PALAMEMTE yase Transvaal imise umteto ukuba ama Bhulu angamahlwempu anganyanzelwa ukuba arafe.

KUVAKALA ukuba u Bishop wase Rini uyakubuya e Ngilani ngo June nesitandatu mhlambi isibhozo sabafundisi abatsha, abayakwabelwa indawo ezinjenge Richmond, Dordrecht, Alexandria, Seymour, Peddie.

INKOSIKAZI ye Nkosi apa edumileyo yama Rilikwa u Mrs Adam Kok ubhubhele e Kokstad ugo 18 May, seleminyaka i 90.

Ngu Rev. F. J. Green Umhleli we *Nkanyiso* yase Natal.

E FRANCE kuko intokazi ete yakukhov', ukurodomsha abantwana bayo abahlanu, yafunyanwa xa izama ukuzibulala ngesikele, izinqamla umqala; irazule umtambo ose ngqwmibeni.

NGALOMHLA we Nkosazana wokugqibela (24 May) Umhleli ubekumbuzi ukwugqibela umnyaka wake wamashumi asinxenxe (70)

NGU Mr. Miller isandla senkosi yase Swazini endaweni ka Hofi (Mr. Shepstone).

LILLO eli iyeza lika Mbendeni elipilise amashumi amatatu enkabi ku 32 abesifa:— Igxebeka eliluku le McDougall's Dip, negxebeka eliluku elinye letyuwa—ezogxebeka zipitikezwe ebhotileni emananzi abandayo. Isezw kwakona ngemini elandela. yo ukuba ayipilanga ngemini yokuqala.

U SIR CHARLES MITCHELL ufike ngo mkombe oyi *Norkam Castle* ukuza kubambela u Sir Arthur Havelock oyi Ruluneli yase Natal.

IPOLISA lase Bechuana land elingu Gilmore ligwa igqwetyelwe ukuxhonywa ngokubulala elinye elingu Barry Bebesele.

UMHLEKAZI i Ruluneli nentsapo yake batik ile kwelase Ngilani, luti ucingo kufun'ukuti kuqiniseke ukuba wobuyela kwakweli okwexeshana elitile.

IDAZINI yamaqanda e Johannesburg ihamba kwi 7s

ISIKOLO sakwa Rulumeni sase Zwaartkop, Natal, sokufundisa Amazulu umsebenzi simi ngamlenzana mnye. Kuqala amanani ehle kwi 15 ema ku 10, sika kwakubon' ukuba kuujalo abaleka ouke amakwenkwe.

UMPONDO ka Siyoyo ute eyokuba emdeni wadutyulwa ngunyana ka Ekron wafa akufika ekaya. Ubuseka buyanda emdeni.

E TINARA kubikwa ezokubhubha kuka Mr. John Dolley, obeyi Mayor yalomzi, kwano Mr. F. H. Brice B.A., obefudula engumongameli wesikolo sabamhlope sakona.

IMITI ye orange ingenelwe sisifo kwa Mankazana ngase Kobonqaba, ibola ingcambu, kuguquke ibala lamagqabi.

NGO MVULO (27 May) kuhle isihlelegu e Pretoria. U Mr. W. Jonker, Umhleli wepepa eliyi Volksstem umdubule wafa umfazi wake, waza wazibulala ngokwake kwangalo pistoli. Ubusemnyose unyaka betshatle, bebesebenosana.

NGOMSO, 31 May, Imantyi u Mr. Dick uya kuba nentlanganiso nomzi wase Mgqwakwebe ka Mdingi ukumisa isibonda endaweni yomfi u Mr. Joseph William Dikweni.

IMPI entsundu esebenze e Qonce izigatle intlanganiso enemelwa i Pasi kwa hulineli. Wobona umlesi kwakwimihlati yeli pepa lanamhla. Bekufanele ukuba kungasali namnye umfo ontsundu ongengomlungu. Nantsi into yako!

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, MAY 30, 1889.

IPASI ENGGONGQO.

UMTETO omtsha we Pasi sinawo pambi kwetu. Sibhekisa umbulelo womzi ontsundu kwi *Cape Argus*, ipepa lase Kapa, elite lakuqonda ukuba ingxoxo ye Pasi iyakungena ngo-Mvulo (27 May) layitshayelela kwango - Mgqibelo ngeneteto ebukali yencaso, cyalata ukuba ukuba izimiselo zale Pasi bati mayimiselwe o Sir G. SPRIGG, bezingalungela abantu abasentolongweni. Yenjengalo i *Argus*, iwungcikiva nangamanye amazwi—ukuba umteto wobuntwana, obekungukunjulelwe ukuba ubungabekwayo ngamadoda acingayo pambi kwamanye. Incoma ubugadala bawo, ize iqohelise ngecebo lokuba inkundla ye Palamente iwuqetule. Tina asizanga siwuve umteto oxakeke njengalo.

Intloko zalomteto ukohlakeleyo zizo ezi:—

1. Wakuba umisiwe lomteto kuyakuba yinto engapandle komteto ukuba naupina umntu ontsundu abeko nakuyipina indawo pakati kwemida yale Koloni ngapandle kwe Pasi ebhalwe ngu mantyi. Ayakuti efunyenwe engenayo adliwe £1, okanye yinyanga engati ibe namanzi etyuwa entolongweni.

2. Inokuti imantyi kwi Pasi zokuhamba immisele ixesha ontsundu ayakuti lidlule, abe sicenge kwizohlwayo esezixeliwe.

3. Abantu abanegunya ukubuya i Pasi kontsundu ngamanene ekutiwa zi Justice of the Peace, ngamapolisa, zi Felkornet, amadindala, nasipina isimamhlaba; bete ababantu abaneliswa yi Pasi, okanye bamfumana engenayo ontsundu, okanye wala ukuyivelisa, banokuti basebembamba bema pambi komantyi, oyakumpata ngomteto.

4. Abantu abavelisa amaqaga ngomteto No 17, 1864, bakubuzwa i Pasi bakululekile.

5. Abaqeshwa bayakun ikwa olwabo uhlobo lwe Pasi.

6. Abaziwayo izimilo banokunikwa i Pasi eyakubanceda isituba sonyaka.

7. Aba bayakunikwa amaqaga bakuwacela:—Abafundisi, Ititshala, abapumelele imviwo zebandle lemfundo, i Kileriki, abemi imihlaba exabiso ili £10, abanenqwelo ne pulu, abafundiswe amashishini, abaminyaka mitatu besebenzela abelungu.

8. I Pasi zokuhamba zobuyiselwa kwaku mantyi owayezibhalile adliwe afakwe entanjeni xa engakwenzanga oko.

9. Efile umnini Pasi mayibuyiselwe kwakulowa wabeyi bhalile.

10. Unokunikwa entsha oyilahl ngemposiso.

11. Ohlute umntu i Pasi uyakudliwa i £10, okanye inyanga ezintatu.

12. Owenze ubumenemene bokufuna i Pasi uyakudliwa £5.

13. Ofumane wabamba umntu wodliwa £1, nendleko.

14. Lomteto ubhekiselele ku Mxhosa, Imfengu, Umtembu, Umsutu, Umzulu, Idamara, Ikorana, Umrolong, Nomtwa. Abantu abangapandle kwango ngama Lawu, Amabhasitile, Namakoboka.

Lento ayinto yimbi kwezetu ingqondo ngapandle kobukoboka. Umzi ontsundu maulivakalise ilizwi lokuwuchasa. Makubetwe ingcingo yimizi yonke, yakuba ihlangene, zibhekiswe ku Sir GORDON nakubameli bayo, ibabongoze ukuba uroxiswe lomteto. Usaxoxwa. Lilo eli ixesha esingateta ngalo. Akusakupendulwa xa sewumiselwe.

Amanqaku.

U MR. T. SAMBALA wase Mgqwakwebe ustumele inteto engo "Mbuliso," esiyifumana iyingxelo yentlanganiswaa eyayiko kwase Qonce apa. Isiko emcimbini wofuhlolo, ukuba abalungiseleli banga unghalokonyiswa amapepini, kukusike batumele itikiti kubapati beposi abanga ingabhegezwa kulo intlanganiso yabo, ukuze abapati bepepa batumele oyakuba ugamelho abo. Oku akwenziwanga into eyalata ukuba bekungeko mnqweni ukuba lengxelo ibonakale kwelipepa. Kuko nenye into esinazi ukuba uyayiqonda lomhlobo w'etu. Initeto yake ikholise ngenito okwazekayo ukuba zezinokupikiswa, beko nabangazipikiswa. Sibhekisa kuye ke ukuba aku lunge nga pezulu na ukuba ingxelo eyakuvusa izinja ezileyo ngomntu ekunganqweneleke ngxolo ngaye, ngizwa ngabo babesentlanganisweni, kunokuyihlokomsa izengoko kube kukhoxhwe isikumi somhlakoti; kudlulise ukuba iyekwe ingxelo.

KUKO umtandazo obhalwayo ngabamhlope base Queenstown, Glen Grey, nase Dordrecht, ozakutunyelwa e Palamente, wokuba abantsundu bonke bafuduswe e Glen Grey. Umtandazo uti abantsundu baye bebekwe e Glen Grey okwexeshana kodwa—iminyaka elishumi; ngoku ipelile. Abantsundu balwile, abazipatanga ngesimilo, ngoku mabafuduselwe kwa Qumbu naku Tsolo ute umhlaba unike amabamhlope. Abatandazi bati mabafuduswe kwangoku abantsundu e Glen Grey ukuze kuptele iziroro, kuba beqinisekile ukuba abantsundu nabamhlope abanaku h'ala ndawonye ze kanti kuyakubako nto ilungayo.

SIKANGELE nje inkatazo iyawaqala. Sabe sisazi tina ukuba iyeza ukuze siwuhlabo ukuba kuyulwe abahlobo betu esesibazi, ingengabo abazitshoyo, ukuya e Palamente.

KWINGXOXO ze Palamente ezikweli lanamhla, umzi ontsundu lwofumana indawana mayelana nomhlaba wase Kamastone, efuna ingendo zamadoda. Sibhekiselele kumbuzo kaMr. Du Pulusi, nempendulo Yompatiswa - Mihlaba. Umzi ontsundu mautze uyitumkete into yokuba i erf ezirafu ilityala zingaweli ezandleni zama Bhulu zakuba zizivulelwe wonke ongazitengayo. Umzi wase Hewu ngewudubana kwangoku uyindwebele lonto, kuba engene ama Bhulu pakati kwawo kukubhangazeka kwabantsundu.

INTLANGANISO ZASE HEALDTOWN.

Intlanganiso ezinkulu kunene ezazise Nkukwebe ngolwesi-Hlanu (24 May) lwegqitileyo, zahambiseka kakuhle kunene. Isizekabanani sazo—kukuba umzi wase Healdtown uzama ukwaka indlu yomfundisi ontsundu. Ngokwesicelo se Komiti

ZOMBINI INTLANGANISO,

Eyasemini neyangokuhlwa zaye zonganyelwe ngu Mr. J. Tingo-Javavu wase Qonce. Urole ngokumekayo umhlambi xa kukhunjulwa ukuba umzi ufunyenwe intlanganiso usekuxakekeni—ulalikelele kunene yimpahla ngetuba lezi zifo zizubhinqisileyo umzi ontsundu. Ogche ezase Batenjini, nezelama Mfengu intlanganiso, akangencome kuba ubuninzi babantu bebonakala benikela ngentliziyo ezingangi zinganikela. Bangati ngabantu abeze entlanganisweni bengaqibanga ukuba banoento abayakuyirola. Yiyo into esivigxekileyo tina. Kwelangase Batenjini, ili indoda nokuba yinkazana, oko isigqibeko ukutimkela emsebenzini ngakumbi owe Nkosi. ikurule ngentliziyo echayitileyo izidle, ongade uti kwelo nehlwempu lisitipye. Owase Healdtown yena uyayincoma intlanganiso erolileyo kuba ivelise £25 pezu kwe £50 ebiselitenjisive.

INTLANGANISO YE TI.

Eyangokuhlwa ibe kulondlukazi inkulu yesikula. Ayabingabantu pakati bevela nasema. Hofofolo nakwimimandla yase Dikeni. Into ezisiva pantsi kwempumlo zityiwe zada zasala, yaye intlanganiso izaliswe ngumoya omhle, wobubele.

UNDILEKO.

Umongameli akabanga nakuzibamba ukuba angaluvakalisi uluvo lwake ngendawo yokundileka nesimilo sentlanganiso. Intsapo ebimnizi kakulu ibonakalise into esibesingasaghele kuyibona into ebizile yemvalole. Yabeta lonto sa funa ukuti sibe neteriba ngentsapo kuba ikolisile ngoku ukuswela intobeko iyezipete ngokwayo, engabeki bani lbe yimbasa entle kunene ke leyo yalomsebenzi. Into eyenziwe yintlanganiso enkulu yangokuhlwa ibe ku £35. Ya nqanyulelwa xa kukona ungxamileyo umzi. Sinetemba lokuba eyona ngxelo izelelo yalomsebenzi sobuye siyibhengeze.

U REV. STEPHEN ADONIS.—Lomfundisi wase Tshatshi kwelama Mpondomse, upumile ebufundisweni ngokurakala isixhaso ekubonakele ukuba asanelele nokondla intsapo.

INGQUSHWA

[NGU M'BIALELI WETU.]

25 May, 1889.

ILANGA.

Lisabalele ngokoko kweli, kunzima ke kuba abantu bebe sebe zinkele bonke ekulimeni ozi ngqolowa nozi habile nozi rasi — abase zikolweni namaqaba ngokufanayo; nakuba kumaqaba kuseko ayiveka ibolele emasimini xa afumene amazimba awanele ukugqiba unyaka kuselwa amabele ka bungane.

ISIVUNO.

Abanye bazulize abanye basonge izandla njengabase Nxruruni abatshtyalaliswa sipango. Indawo ezine ndyebo li Rura nase lunxwemeni lolwandle lonke pakati kwe Nxuba ne Xesi kude kube se Mazizini. Kuleyo mimandla ndiyikankanyileyo kuko isivuno esihle kunene salo mbona bati "Yifasi" owahlwayelwa emadizeni engqolowa.

IGUMGEDLE.

Ati amadoda amakulu imbangi yokuba atyafe amadolo kule ntlanganiso yo Manyano lwase Ngqushwa yasuka yaba Ligumgedle lo nantsi no nantsi, ati nabekwe anomonde wokuyi landelanelala, atyafiswa kusuke kuti kwakuhlanganwa kutetwe ubusuku bonke knsiswe, ngentwana zcincinane—akwabiko zixoko zinombo ziwatsalayo. Kubi ke kuba ngoku ihlangeneyo i Palamente bekufuneka le ntlanganiso imane ukudibana ivisana indaba, itabete amanyatela kwakuvakala izinto ezitwetwa e Bandla xa zibonakala ukuba ziya kuza ngobunzima nobukali pezu komzi ontsundu. Bekungafuneki kade ukuba aple

AMABALA ENQUBELO PAMBILI.

Kwagqibela ngo March ukubako i Concert ene Timiti ngeyaye nziwe ngu Mr. Mwaaha. Emtati, eyabaneliswa ababeko. Ngobusuku be 24 May bekuxhanyulwa ebeye nziwe ngu Miss Mgqanda e Boll (Tuwa). Nakuba izizwe zingabangako kakula, indlu yona izele kakulu. Yavuma kammandi intsapo ye kwayile. Into esiyincomileyo kukuvimba kwabantu xa bekubekwa imali nezinto, kuba lomgqobo ubungowoku qweba imali yokutenga izitulo zesikula. Ibe ngu Mr. Kwababana yedwa orola ibokwe. Lento benzima kangaka ukulungiselela indlu yomsebenzi omkulu fanaba yilento yokuba nabo abakakwazi ukuzilungiselela.

INDAWO ZOKUHLALA.

Abakokeli nabeshumayeli balapa basahlala ezindlini ezingqukuva ngapandle kwabambalwa; asazi nokuba lonto ingaba lupawu lokuqubela nokuba lolokubuyela emva kwempemfumo yabo kusinina, mayibe lulo kuba into engapakati komntu ibonwa ngabanyo ngemisebenzi ayenza ngapandle. Akubonakali sizatu sokuba amagqoboka angabonakalisi kupuma kwawo entlalweni yase buqabeni ngokwaka izindlu esizi ngxande. Nababemane besitele ngokuti abana kwaka ndlu zexabiso emihlabeni engayo yeziqu zabo abakuzimela ngandawo ngoku kuba u Rev. E. Gedye ne mantyi benze imizamo epumeleleyo ngomhlaba wase Ngqushwa ekaya (Durban), nase Mtati (Newtondale), wawuma u Rulumente ukuyikuhlala leyo mihlaba ukuba itatwe ngabanye abantu. Le mihlaba yaecandwa kudala, eminye ayaze itatwe, eminye bafuduka abaninzi yasala ilinywa ngabambi. Mininzi ke, kufunwa abantu bokuyingena. Imali yokuyitabata ayingapezulu kwe £2 10s. kunye ne tayitile, uya kafa ke lonto. Yiyo nalento abavoti bebancikane kangaka akuko zintlalo. Amadoda abenamagiza amnandi enkomo aza kude ahlwempuzeke kuba kungene

UTSHABA OLUKULU.

Umbendeni ngoku wenza into engazange ibonwe kweli lizwe, upikele ukubulala ukomokazi ziyizekile inkabi. Abantwana abaqale amasi ungafika iziswana zibomvana kanti bahluti inkabe. Wanyanisa nowati

AKUKO KUFA KUHLA.

Ngomhla we 10 ku May lo, intokazi yomye umzi Entloko yabonwa seyifile izixhomile emnti kumfula okufupi nekaya. Isizatu ezibulala ngaso asaziwa kuba asimntu ubeke axabane nabani; Into abenayo emzimbeni bulwelve, sekunzima ukufikelela ezintlobeni, ute kutsha nje wabulawa lunyawo, yamkaleka okunye lonto. Uzixhorne nge seyidukwe emnyama eyihlomele emnti ngenantwana yomzi.

Ngomhla wa 20 kwaku May lo intombazana ebisako apo Entloko izimelela e Rura icande kwake ndada zase Nxuba ukuya kungena kweze Gqira. Ite gaxa pezu kwesi dumbu somntu biqalele yabona igaci nembuqe kulo ndlelana. Ipange ngokukangela entloko ukuba yinene ufite na yabona igazi lingumtombo ukupuma nge mpumlo namngomlelo, yabaleka yabuya. Uye kuhlatywa Engushwa umkosi, yanduluka Imantyi namagosa ayo. Bafike singaseko eso sidumbu, indawo ebine gazi igalelwe umhlaba namagqabi, amatye anegazi equyudwe, nangoku lowo mntu akakafunyanwa apo afihlwe kona. Lo mandla ikwa ngulwa kwabulawelwa kuwo into enkulu kamfi u Booy Nginda engu Isaac, isahluko sesokuba kweyake imbuge yokubulawa inyawo zezabantu abanxibe izihlangu, ekubeni kulo izinyawo ezize.

Ngolwesi Hlanu akutshona kwelanga kute xa kugqitywa imidlalo ye Lesisi yomhla wokuzalwa kwe Nkosazana, umfana osebenza kumaqamba wawiswa lihambe kwelu kuni indlela ngentloko kwafikwa seludwamba. Utwelwe wasiwa kwa Gqira ote akuba emcofife umzimba wonke wati akuko temba lokupila kuba ngati thlung lentamo lapukile. Akuko kufa kuhle, nobulewe sisisu nayintonina soloko ikukufa konke kuyafana.

ULWALUKO

Lise mandundu isiko lokwaluka kweli lase Ngqushwa nase zikolweni. Ngoku linga ukulungqumza abafundisi bade babakupa eziramnteni abanye abazali abantsapo ingene ndluhase ngentliziyo yam yonke ulwaluko, kodwa lento yokukutshwa kwabazali ngenxa yentsapo andikolwa yayo Abapati betu basukela pezulu kwinto yokukupi. Andikolwa ukuba Umsindisi oko wayesese mihlabeni wayesuka lula kangaka ekukupeni, okanye wada wenza umzekeliso ati ukuwukukumbela "ziyekeni zikule zo-

mbini hlaze nincotule nengqolowa elungile. yo." Yenye yezinto endingakolwayo ukuba yandisa ubulungisa le yokuvalelwa isula belingxamele, iya kwandisa ubumnyama, ngokukodwa kweli lizwe kuba

YI NGQUSHWA EMNYAMA.

Abantu bakude bati bakuya kusitiwa yi Ngqushwa Emnyama bangabi salindela nto ilungiloye nenobom ingapuma apa, kanti ke akunjalo Ziko zona izinto ekutshwiwo ngazo. Enye yezonto yibrandi. Intshinga yomzi ume Ngqushwa—udodana—lweyele ngelomkono eziselweni. Ukuze ube lidiyentilimani elivana nentloko epambili yawo apa yiba ngumseli we ntlobo ntlobo zendywalwa zase mlungwi. Ikaba lonke lipelala *Emgqoncin*. Bona obu bumnyama busulela kuko msizi, hayi ngapezu komsi zi wembiza ungingqwa babo ngati buya pateka nangesandla wakubuvuva ngenminwa. Uti nokhulayo ukufika exabisweni lobudodana ayele kona. Uti nofikayo ngodumene uomsebenzi one wonga eyele kona. Noyinkosi weyele kona. Yinto ke leyo ebete izidenge ezingamaqaba abazi sayazi itfundulo ukuba owona msebenzi wayo yintonina. Taruni! kaba lase Ngqushwa. twize! umziweyela!!

IBALA LABADLALI.

U Meja Wharton uti ngako kodwa ukuba ukudlala kwabamhlope kulunge njengemhlaba abadlali kuyo, kuya kubalungela.—Mna nditi ngako kodwa ukuba imihlaba yabantundu ilunge njengokudlala kwabo kuya kuba lungela.

Ungafumana futi abantsundu bedlalela kumaxetuka namalinde. Into engelele kwenzakalisa mdlalo, kodwa ngokuba intloko nemhambo zabadlali. Ndinomntu endimaziyo owalahlekelwa ngamazinyo e Bhayi ngenxa yomhlaba ombi.

Ibhayi laka latabata ibanga elihle ngokulungisa imihlaba ngo 85 no 86—kodwa ngoku bendikona ngale season ipelayo ndifike libuyele emva ngalondawo.

E Komani ndafumana amadodana akona ewusebenzile kakuhle umhlaba okwe pitch, noko wawungebanzi kakuhle kangangokuba i bowler enamaqhanga yayingayipoke ngapandle ukuze ibhola ibete eludimni iyeke ezintongen.

E Qonce akuko nkatalo kakulu Fan' ukuba kungenxa yokuba kuko i "Victoria Grounds," enokufunyanwa nangubanina oyibhatalelayo kwi Council.

Irini lona selutse lati ukwenza isono ngalendawo ebholeni lanuyula ukudlala peza kwe "Ntaba Yezono" kwa uti zishil emalandalaha. Ingxelo ze match ebidlalwa kona ngo 20 ku April, pakati kwe "Tiyopiya" yase Bhayi ne "Accidental,"—Awu ! neligama lihlahla kakubi—yase Rini, iti omnye wemka eyinxwelwe ngokubetwa ibhola pantsi kweliso. Liyacelwa i Rini ukuba lahlakane ne Ntaba Yezono, kukangelwe indawo engenasono (of course ekufupi ekaya).

Kwalo ngxelo incoma ubuninzi bati boneli kuba yayi kwayi picnic yase Witsale. Amanenekazi aqaqamba ngokuhomba kakuhle; wanga ungafika nase makaya awo kunjalo.

Ububele buyanconywa e Rini likaba le "Tiyopiya." Benzelwa i Tea ehonjiswe buboko bama nemakazi. Kwenziwa inteto ngamanene amacala omabini.

Yivani, nipaule, netyise ze nibhonxise nina zindawo zisaqala ukungena emdlalweni webhula. Andifuni nokubiza ngamagama Amacala adlalanayo makenjenjalo ngokubekana ngobuntu, nangobude, ingabi bubu mpi.

Kanjalo makufundwe imiteto. Ndimangalalise kukuba kubeko abantu abati badlala ibhola kanti abazazi ezindawo ndiza ziqapaula.

Kwa kutoswa icala eloyisileyo ngeqashiso linokunyula into eliyantandayo ekungeneni nase kunga ngenini.

Ngase bholeni, ilelo linokusebenzisa eyalo ibhola entsha. Asinto ikoyo ukuba i match idlalwe ngebhola eke yaqaqeka yaza yajikelezwa ngomdandasholo womtungo.

Nge watch yosuku olunye xa egqitywe amangano okuqala ngamalacala omabini nokuba elinye lingene okwesibini laza lapela ixesha kuba kwahlula amangano okuqala. Kodwa ukuba kungene icala elinye lapela ixesha, mhlambuzi bengapumama bonke nabelo cala okanye lapela ixesha lingene nelinye icala bengapumama bonke, iya kuba yi drawn game (engaqitywanga).

"Accidental" 1st and 2nd Innings :— Zuma c and h Makwena 0, run out 4; Williams b b Makwena 2, b Ross 13; Mzini b Ross 0, b do 0; Peters b Makwena 4, b Christian 0; Mahlanga b Makwena 1, run out 1; Lutu run out 3, b Ross 4; Mtomba b Ross 4, o Pezisa b Christian 5; Danga o and b Makwena 0, wilfully struck ball 18; Mapikela b Ross 1, b do 0; Nzungu not out 0, do 0; John b Ross 0, b Christian 0. Extras 9, 11. Totals 24 56.

...

"Ethiopian" Mzamo b Lutu Oc and b Mahlanga 7; Sout b Mahlanga Oc and 1 b do 0; Matakane b do 7-----; Tshona run 1 out 9; bLutu5; Christian b Lutu 0, run 1 out 7; Makwena b do 0, not out 3; Roos do 2, —; Pezisa c Danga 7-----; Hlati c Mapikela 0, c John 2; Lwana c Mahlango 0, -----; Ngeni not out 0; not out 8; Extras 20, 7. Totals 45, 39 for 5 wickets, yaba i " Accidental " ifamene i accident nge 5 wickets and 4 runs. Ndiapanse ukuti tsbotsho kuba nezi extras zingaka ndiyakolwa zibangwe ngumhlaba ombi ku fast bowling ka Lutu no Mahlango.

I PALAMENTE.

Rulomhlali siya kuzama ukumana siphakela amawetu indaba zenkundla esigondayo ukuba umzi ungatanda uzivile. Kambé e Palamente kukwako into emenzi yengoxo eti noko ikoyo kanti ayinamandlaemhlambini wakowetu. Akungebe luncedo lwani ke ukuwudaba umzi ngento ezinjalo. Entweni ezingamandla sipaula kiquala ukuba u Mr. de Wet unike isazio

NGOMTETO WE PASI.

Ingxoxo ngalo mnto igale ngo-Mvulo Amapépa anengxelo asikawufumani, ngelotuba ke ingxelo zengxoxo ngalomcimbi zoqala ukubonakala kwi Mvo ZABANTSUNDU ze vekzi ezayo.

IRAFU YE PHEKEPHEKE.

— U MR. VAN HEERDEN (omele i Graaff Reinet), ubuze ngolwesi-Tatu, 22 May ukuba, njengokuba inconywa ukuzala nje ingxowa Yakomkulu, u Rulumeni nya kucingana ukuyipelisa kanye i House Duty; kume irafu endala kakade i Hut Tax.

U SIR GORDON SPRIGG ute, u Rulumeni seleke wawukangela umcimbi wokuyipelisa irafu ye phekepheke; angaba usanyanilele xa esiti baninzi abati kunqweneleka kungarafiswanga kanye. (Kwahlekwa.)

MR. FULLER:—Ngu mgcini-Ndeybo (Sir G. Sprigg) ngokwake owayikankanyayo lonto e Rini. Mr. Douglass: Hear hear.

U SIR GORDON SPRIGG ute, woti xa apete imicimbi yerafu asike ebonyeni kwilungu lase Rini (kwahlekwa). Ukuze lemimcimbi ingemali woyikumbula xa anika ingxelo.

UMHLABA WASE KAMASTONE.

U MR. M. J. DU PLESSIS ubuze kuba patiswa ukuba zingapina izigqendu zomhlaba wase Kamastone kweziva zi 128 ezigqeshileyo.

U MR. SCHERMBRUCKER upendule wati amashumi amatatu anesibhozo ezi Erefu kwavakaliswa ukuba aza kubuyela kwaku Rulumeni. Ite irafu elityala ye i Erefu ezine yahlalauwa. Ezo azitatatleyo u Rulumeni azika lengalengiswa ukuba zizengwe nangubani, kodwa kuvulelelele nakubawina ukuba azizenge ngoku.

NGOMELO LWE TRANSKEI.

U COLONEL GRIFFITH ubuze kwi nkulu yolaulo ukuba ikona emcamangweni ka Rulumeni into yokungeniswa unteto wokongezelela inani labameli e Palamente e Tembuzi nase East Griqualand? Ite nyakenye wayeke wawenza lombuzo kodwa impendulo yaba yekubona u Rulumeni akakazilungiseleli ukwungena lowo mimbini.

U SIR GORDON SPRIGG upendule ngelithi okwesake isiqu akayichasile into yokuba inani labameli lungelelwe. Inani labavoti liyalingana nenani lezinye izitili; kodwa akaboni ukuba angeniswe umteto oya kuba ngowezi zitili zodwa. Nezinye indawo kwase Koloni zenze isimbono zifuna abameli. Kodwa kufuneka beke babalwa abantu ngapambi kokuba lomcimbi upatwe. Kwaye kuvakala ukuba ulaulo lwe Nkosazana lucinga ngokubalaba abantu ngo 1891; nabo ke nase bebala ngelo xesha ngoku abaninzi anezinye ngamanani.

U SIR THOMAS SCANLEN ute Imibuso yama Bhulu ingazi izimisele ukubalaba abantu ngonyaka ozayo; bekunganjaniya zicelive zipatamandla zalomazwe ukuba ziseziinda de kube ngo 1891.

U SIR GORDON SPRIGG ute bebengeka bhalelani nabapati balo mabhotwe.

U MR. SAUER ute abase Transvaal sebezimisele ukubalaba abantu kwangoku.

U SIR GORDON SPRIGG ute kuya kutunyelwa kulo mabhotwe kuwelwe ukuba alinde de kube ngo 1891.

EZABABHALELI.

AMABANGO ASEMJDWINI.

MHLELI we Mvo ebekekileyo ndincede undifakela lamazwana ukuba ukuba ayakunwenjani kuba kumbhala ndikukatazayo. Ndifakela lenteto ipendula eyenziwa ngumntu ozibiza ngom Gqunukwebe. Indawo yokuqala umntu lowo ubanga mhlambi ukwefele lobupakati akuba kusitwina lonoko ka Seya ungu Tele unguye kanti, kuyavakala entetweni yake ukuba lento ingumpu akayazi, uba yena umpakati lo vinkosi, mandimxelele kamsinya lento umpakati Emahoxeni nase mlungwini ngumntu okonzileyo, into ke eyenziwa ngulomfo ka Seya owabusa ku Nkosi u Kama umfo ka Cungwa, kwasebafumani bake, sonke isihlalo sake wasifumana emehlweni omhlambini wonke wase Mjadwini, ngokutdanda kwake yinkosi ngenxa yobuciko nokunyaniseka kwake. Andikanyeli ukuti umfo lowo akankosana yakwa Gwali, nditi kodwa isigalo sawo wonke umsebenzi wake noka yise u Seya wasembusweni use Magqunukwebeni, akuko Mgqunukwebe wenyanso, anditeti ezizinto zinekwele zingazange zivakale namagama azo eluhlangeni ezimana ukulinga ukunyelisa abantu abamisebenzi idumileyo yokumisa imizi yakomawabo. ongayipikisayo lonto, malunga nesityalo esendleleyo kuyo yonke lenteto esokuti lomfo ka Seya no Mbanga umfo ka Marelala omkulu babefuna ukubambisa inkosi kulemfazwe ka Ngayecibi, akuko nyaniso kulonto nam ndingumfo wase Mjadwini ndiyayazi lonto, kulo ibhunga lemfazwe kwe lakwa Kama umzi omininzi wawufuna ukulwa no Rulumente, kwala lomfo ka Seya okwenyaniso yaqala inkosi ukulikupa ilizwi layo lokumomeleza, nabo ubungqina beyam into, Inkosana senegama ema Gqunukwebeni eyawisa into emnzi jabanta yabanjwa kanye ngu Nkosi lowo u W. S. Kama, wenza ubungqina pambi kwe manyi bokuba lendoda izama ukulwa no Rulumente weyelisele no Gonya ka Sandile, uhenda nento emnzi yesizwe ukuba silandele yena, lamadoda ke kade ase Mjadwini ayeselenekwele lobu pakati ngaku Tele kuba umfo ka Cungwa owayebuse kuye wayeselefile belinga ukumshitshisa ku lenkosi intsha unyana wake engu W. S. Kama, yiyo lento bangavumiyo ukuyincoma imisebenzi yake elungileyo e Mjadwini, kanti yona iyaziwa ngabo bonke, nenkosi, xa sukuba isezingqondweni zayo ezizolileyo ingavinqina. Mandipele ngombufiso kuwe Mhleli nditemba ukuba uyakundiceda ngale ncwadi, ndikwangu

MGQUNUKWEBE.

Indwana, January, 1889.

U DUNCAN KWAKONA.

Mandikucelo Mhleli undinyamezele ngokundifakela lencwadi. Ndingati kuqala incwadi yam ebonakele kwi Mvo indimangalisile nam, kuba ke ukutsho ndime kopi yayo akunqinelani nakancinane, kube kunjalo nje ingatanga ukupuma kwayo kum iye ku Mhleli we Mvo, kodwa ihambe kubafundiswa abatile endinengxelo yayo lencwadi evela kubo ekwanayo kunganqinalani nomo wencwadi yam. Umhleli welipepa ke linene, kuba ke nesa similwana sokulinganisa intulo wasiyekn, ngoko ke mandimnike imbeko ngokuyeka. Ndingati ndiya mtuka bafundi belipepa woyikumbula yena lonto ngendhlela yomoya omhle. Ndingati mayelana nalo Scanlen uyi ngayiqayi kumawetu, andazi kwa Ngqika nase Fingoland izinto abazifumeneyo ngenxa vake, kodwa apa eba Tenjini apo ndondhlwe ndakulela kona, andikumbuli nto ngapandle kwalamagama alandelayo endingaziyo nokuba bulungisana obenziwa kuwo ngu Rulumeni ka Scanlen lamanene:—U John Sigenu, Wm. Sigenu, Tiwani Ngose, S. Kalipa, Kalipa, P. Kula, M. Renqqa, Nqane Nobewu, Morris Mxaku, T. Makiwane, J. Mgeodo, Jamjam, Thos.

Makohliso, Revd. Mahonga, apiwa ifarm zinkosi zatiwa sanction ngu Rulumeni zaye ezifarm zise mawakeni ngamanye kude kuye esibinini baye kanjalo ababantu kunye nendingabalanga benza imibulelo emikulu ezinkosini kodwa ezofarm bazahlutwa abanye bafumana amakulu ngamahlano emokolo (500) endaweni ye 2000 abanye 250 mokolo abanye bazi hlutwa kanye ngoko ke ngubaniya Umtembu ongandixelela isizatu sokupangwa kwabo? Waye ngubaniya u Rulumeni ngeloxesha? Ngu Scanlen in 1882. Babena Abatembu kwi Tembuzand Commission babeneza kuye wabalaha njenge ngenge. Utsho kuba yona i Morgen system itembisa ntoni elungileyo? Anditi umhlaba obumiwe ngu Bambonduna no Sinqungati wawutimba wabuyiselwa ngu Sprigg kuminiwo u Matanzima, hi wona oko Dalasio anditi ukwabuyiselwe ngu Sprigg kuminiwo u Gangelizwe.

